Downloaded from eduresourceza.com

**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

   ICANDELO A: Izincoko (50)
   ICANDELO B: Imihlathana emide (30)
   ICANDELO C: Imihlathana emifutshane (20)

2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala icandelo ngaliNYE kwiphepha elitsha.

5. Yenza uyilo (umzekelo: imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/ flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho. Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko.

6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.

7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.

8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

   QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

    UBUDE BEEMPENDULO

    ICANDELO A: Izincoko – Bhala isincoko esili-190–240 lamagama.
    ICANDELO B: Imihlathana emide – Bhala ama-80–100 lamagama.
    ICANDELO C Imihlathana emifutshane – Bhala ama-60–80 lamagama.


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

## ICANDELO A: IZINCOKO

### UMBUZO 1

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala isincoko sibe ngamagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Luxanduva lukaRhulumente ukufundisa abantu indlela yokunqanda ungcoliseko kwiindawo abahlala kuzo. **[50]**

1.2 Izinto ezenziwa ngabahlali bendawo yam ukuphucula intlalo yabo. **[50]**


1.3 Imibono endinayo ngam xa ndiphangela. **[50]**

1.4 Bhala isincoko esingqina la mazwi, 'Umntu ngumntu ngabantu'. **[50]**

1.5 Izinto ezinokwenziwa liSebe leMfundo, abazali nootitshala ukuncedisa abafundi bebanga le-12 balungele iimviwo zokuphela konyaka. **[50]**

1.6 Iinkqubo zikaMabonakude aziziniki ixesha elilingana nelesiNgesi iiLwimi zesiNtu. **[50]**

1.7 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.




**[50]**


Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com

1.8 Jonga lo mfanekiso ungezantsi uze ubhale isincoko.



**[50]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 50**

**ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**

**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube MNYE kuphela. Bhala ama-80–100 lamagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela udadewenu/umntakwenu oza kuya kudliwano-ndlebe umkhuthaze. **[30]**

2.2 **INTETHO ESESIKWENI**

Umhlobo wakho ufumene isipho-mali sokuya kufunda eyunivesithi. Bhala intetho yokumncoma uvuyisana naye. **[30]**

2.3 **INCOKO YABABINI ENGEKHO SESIKWENI**

Bhala incoko phakathi kwabafundi ababini malunga nendlela yokuziphatha komfundi esikolweni ukuze angaphazamisi ilungelo labanye lokufunda. **[30]**

2.4 **INQAKU LEMAGAZINI**

Bhala inqaku lemagazini malunga nokubaluleka kokwenza imithambo ukuze uhlale usempilweni. **[30]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

Downloaded from eduresourceza.com

Downloaded from eduresourceza.com



## ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE

### UMBUZO 3

Bhala umhlathana omfutshane ube MNYE kweli Candelo. Umhlathana lowo ube ngamagama angama-60–80 ubude. Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 **IKHADI LESIMEMO**


Bhala ikhadi lesimemo umeme umzala wakho ukuba abekho kwitheko lokuvuyisana nokuphumelela kwesikolo sakho kukhuphiswano lomculo. **[20]**

3.2 **IPOSIKHADI**

Thumela umhlobo wakho iposikhadi umxelela ngendlela oziva ngayo kwisikolo ofunda kuso ibanga le-12. **[20]**

3.3 **ISALATHISO**

Umhlobo wakho useCrowthorne, malathise indlela eya eRandburg ehamba ngendlela engu-M71.




**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 20**
**AMANQAKU EWONKE: 100**


Downloaded from eduresourceza.com